Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBA 2014

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELWEYO – P1

AMANQAKU: **80**

IXESHA: **2 iiyure**

* X H 0 F A 1 *

Olu viwo lunamaphepha ali – 13.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMATHATHU angala:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda amanqaku	(30)
ICANDELO B:	Isishwankathelo amanqaku	(10)
ICANDELO C:	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi amanqaku	(40)

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Bhala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCandelo ngalinye.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A:	50 imizuzu
ICANDELO B:	30 imizuzu
ICANDELO C:	40 imizuzu

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

ISICATSHULWA A

1.1 Fundisisa esi sicatshulwa silandelayo wandule ukuphendula imibuzo.

"BAYA KWAHLULWA ZIINDUDUMO"

1. Kwadlula iicawa ezimbini sivuliwe isikolo eLovedale, engabonananga uThembeka nesithandwa sakhe uZwelinzima kuba kwakungekavulwa kwaNokholeji apho uZwelinzima wayeza kufunda khona iMatriki. Ngelo xesha, uThembeka wayefana nomntu osephupheni, iindlebe zakhe zifundekelwa ngamazwi kaMphuthumi: "Ndithetha nje ngumfana mdala, igama lakhe nguZwelinzima Majola".

2. UThembeka wayebhanxekile, engazi nokuba uphambene, nokuba usenengqondo yakhe na. La mazwi wayengaqiniseki nokuba uMphuthumi wayewathethile nyani na kuye eQonce. Icawa yesibini yayiphela ngoku kuvuliwe, bedibana yonke imihla noMphuthumi, kodwa uMphuthumi engayiphathi le nto, esuka ancokole ndaba zimbi. Ukuba yayingelilo iphupha, kwakutheni uMphuthumi engayiphathi le nto, esuka ancokole ndaba zimbi? Hayi, mayibe yayiliphupha.

3. "Hayi", azinqande. "Akukho phupha nakuphambana kule nto. Yonke eny'into eyenzeka loo mini ndiyikhumbula kakuhle." Ngamanye amaxesha xa le nto imthukuthezela ubefudula esiya kumhlobo wakhe uNomvuyo, ancokole ngehambo yabo yokuvulwa kwezikolo, agxininise kwisithuba sokufika kwabo eQonce. NoNomvuyo encokweni wayefikelela kule ndawo yokuphuma kukaThembeka noMphuthumi edolophini eQonce, bemshiya ebuxakaniseka kuba enqandwe nguMphuthumi, efuna ukuhamba nabo. Okunene ke kanti wayeluhambile uThembeka olu hambo noMphuthumi. Into eyayimkhathaza kukuba uMphuthumi wayemxelele na ukuba loo nyana kaZanemvula nguZwelinzima,okanye yena Thembeka wayezicingela nje. Wayesuke wanomvandedwa. UThembeka wabuya kolo hambo lwaseQonce engomnye umntu.

4. UThembeka wayengazi nokuba makavuye nokuba abe buhlungu na ukuva ukuba esi sithandwa sakhe yinkosi yamaMpondomise. Ngoku wayesoyika nokudibana oku noZwelinzima, engazi ukuba angasuka athini ukuba bangadibana eDikeni engalindelanga, angasuka athini ukumamkela? 'Uza kumbona esengulaa "Major" amaziyo, nokuba uza kubona ingangalala yenkosi?' Kwesi sithuba wayesuka azichitha-chithe ezi ngcinga athi, "Arha! Yintsomi le bendiyixelelwa ngubhuti Mphuthumi." Kodwa nangoku angafumani kuzola; intliziyo imxelele ukuba uyazikhohlisa, kuba wayemazi uMphuthumi xa aqhuba incoko, emazi xa anyanisileyo.

5. Yathi isazula njalo ingqondo kaThembeka ngalo lwesiHlanu, engqengqe yedwa phantsi komthi womnga, emalanga, kwafika intwanazana imxelela ukuba uneendwendwe-uNomvuyo noMphuthumi. Wahamba umntwana, emshiya uThembeka elandela ngasemva, ecothoza, ehamba ezibuza ukuba ufunelwa ntoni na nguMphuthumi. Yayiyinto eqhelekileyo ukuba uThembeka abizwe nguMphuthumi kodwa namhlanje wasuka wanovalo kwayinqaba ukuya apho abizelwa khona. Kwada kweza uNomvuyo ngokwakhe, wamfumana emi ngasefestileni ejonge phandle, kucaca ukuba ingqondo yakhe ayikho apha. “Hi wethu, kunini sikulindele! UMphuthumi uhambele kuwe, kwaye uthi akanakumka engakubonanga.” Watsho esithi gwiqi uThembeka ebuyela kuMphuthumi. UNomvuyo wasala esithi, “Mhmm! Azi yintoni na!”

6. Incoko kaThembeka noMphuthumi yaba nde ngakangokuba yade yabetha intsimbi yesidlo sangokuhlwa. Wavuya uNomvuyo ngesidlo sangokuhlwa akuphawula ukuba uThembeka ubonakalisa ukonwaba kwemihla engaphambili. Bathi besiya kulala waba uThembeka sele emyaleza, “Kusasa, *Cousie,* uncede unike abantwana impahla eza kolulwa, kufuneka siye ezantsi. Kukhw’into.” Waqonda uNomvuyo ukuba lifikile ixesha lokuba angeniswe ebhungeni. Yayiyintetho yabo noThembeka yokuthi xa kukho into abafuna ukuyithetha, “kukhw’into.” “Ezantsi” ke kwakuphantsi komthi womnga abebehlala kuwo ezantsi kwaseMzana.

7. Ngengomso uThembeka wafika wamxelela uNomvuyo ibali elalibaliswe nguMphuthumi eQonce ngoZwelinzima. Zicingele ke nawe, mfundi, ukumangaliswa kukaNomvuyo leli bali. Wathi akuthi geqe naye uNomvuyo wathetha la mazwi athethwa nguThembeka mhla waliva eli bali: “Yintsomi yantoni na le!” “Nam bendikade ndisithi yintsomi mnta’kabawo. Kodwa ngoku ndiyaqond’ukuba asiyontsomi.” “Mhmm!” Watsho uNomvuyo emana ukuphindelela. Wayekhumbula isiva esasisengalweni kuZwelinzima, awayesibuza ukuba sesantoni na. UZwelinzima wayesuka abalise ibali lencoko lakudala, athi wayesilwa nengwe, awada wayoyisa ngokunyanzela inqindi kuyo emlonyeni, aye kulikhupha emsileni, ide ife. NoThembeka wayelazi eli bali behlala belihleka noNomvuyo.

[Sicatshulwe kwiNoveli; *Ingqumbo yeminyanya*; A.C. Jordan; iphepha 20–22]

Jonga kumhlathi 1.

1.1.1 Zingaphi iicawa uZwelinzima engasabonani noThembeka? (1)

1.1.2 Chaza ukuba kwakutheni ukuze bangabonani ithuba elide kangako. (2)

1.1.3 Ingaba umntu ongathi usephupheni ngumntu okwimeko enjani? (2)

1.1.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Xa kusithiwa iindlebe zakhe zifundekelwa ngamazwi kaMphuthumi kuthethwa ukuba

A Uyamsebezela ezindlebeni zakhe.
B Uyamngxolela ezindlebeni zakhe.
C Uva ilizwi lakhe ezindlebeni zakhe.
D Ukhwaza kufutshane neendlebe zakhe. (1)

Jonga kumhlathi 2.

1.1.5 Caphula ibinzana elibonisa ukuba ingqondo kaThembeka yayibhidekile. (2)

1.1.6 Ucinga ukuba sasiyintoni isizathu sokuba uThembeka afune ukuba uMphuthumi makaphinde amkhumbuze ngencoko yabo yaseQonce? (2)

1.1.7 YINYANI okanye BUBUXOKI. Amazwi athi, “Hayi, mayibe yayiliphupha,” ngamazwi okuzixolisa. Nika isizathu sempendulo yakho. (1)

Jonga kumhlathi 3.

1.1.8 Chonga amazwi angqina ukuba uNomvuyo wakhathazeka akushiywa ngaphandle nguMphuthumi. (2)

1.1.9 Kuthethwa ukuthini xa kusithiwa uThembeka wayenomvandedwa? (1)

Jonga kumhlathi 4.

1.1.10 Xa ubunokuba nguThembeka, ubunokuthini xa ufumanisa ukuba kanti isithandwa sakho yinkosi? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.11 Amazwi kaThembeka okuba uyamazi uMphuthumi xa aqhuba incoko, emazi naxa anyanisileyo, aveza ntoni malunga nobuhlobo babo? (1)

Jonga kumhlathi 5.

1.1.12 Khangela igama elinye elithetha ukuba uThembeka wayengangxamanga. (1)

1.1.13 UMphuthumi wayendwendwele bani phakathi kukaNomvuyo noThembeka? (1)

Jonga kumhlathi 6 no 7.

1.1.14 Xela isizathu esabangela ukuba incoko kaMphuthumi noThembeka ibe nde kangako. (1)

1.1.15 Nika ubungqina obukumhlathi wokugqibela obuchaza imeko awayekuyo uNomvuyo. (2)

1.1.16 Ngokwebali elingunobangela wesiva esisengalweni kaZwelinzima, ungathi uZwelinzima ungumntu onjani? Zixhase. (2)

ISICATSHULWA 2: OKUBONWAYO

1.2 Jonga lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.



1.2.1 Ngowuphi lo mdlalo uboniswe kule khathuni? (1)

1.2.2 Umzobo oyisekile osemva komdlali umele ntoni? (1)

1.2.3 Ngubani umzobi wale khathuni? (1)

1.2.4 Uthini umyalezo womzobi ngale khathuni? (1)

1.2.5 Ngokwala mazwi aphuma kumdlali nangokwenkangeleko yobuso bakhe ucinga ukuba ukweyiphi imeko? (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze usishwankathele ngokwemo yokudwelisa iingongoma.

IMIYALELO

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7, uze uzicwangcise ngendlela ehambelanayo.
2. Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo, ubhale ngawakho amazwi, ungawulahlanga umxholo.
3. Ubude bomthamo wesishwankathelo mabungadluli kumagama angama-60.
4. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesishwankathelo.

UBUBI BEAKHAWUNTI EDITYANISIWEYO

Iakhawunti edityanisiweyo yiakhawunti enye ebhaliswe ngabantu ababini. Le akhawunti isengasebenza ekwabelaneni ngamatyala kodwa busoloko bukhona ubungozi. Ukuba wenza imali eninzi kuneqabane lakho, lo ozisa imali eninzi angakhathazeka xa iqabane lakhe lisebenzisa imali eninzi kunale liyifakayo. Omnye okanye nobabini ningaziva ningakwazi ukuya lula emalini kuba awunayo eyeyakho imali kule nkqubo. Kumele kubekho ophethe icandelo lentengo kwaye nalowo angaziva ecaphuka kuba enomsebenzi omninzi.

Akubikho zimfihlo kwiakhawunti edityanisweyo kwaye yonke into oyenzayo kuyo isekuhleni. Iqabane lakho lingathenga into ebizayo ngaphandle kolwazi lwakho, kwaye ukwazi oku ngendlela ebuhlungu xa ubhatala ngekhadi lakho kuthiwe akukho mali. Ngaphambi kokuvula le akhawunti qiniseka ukuba ilungile ingxelo yamatyala eqabane. Ukuba omnye wenu unengxelo embi, akulocebo elihle ukuba nidibanise iakhawunti. Ukuhlala okanye ukutshata naye, akuyichaphazeli eyakho ingxelo kodwa xa udibanisa iakhawunti naye niza kudityaniswa nangengxelo.

Kufuneka niqonde ukuba nobabini nidibanise izinto ezininzi kuyo yonke into eniyenzayo okuthetha ukuba nabelana ngamatyala. Ukuba buyaphela ubudlelwana kwaye omnye unetyala, oko kungachaphazela imeko yakho yokuvula elinye ityala. Ukuba wena okanye iqabane likhupha imali kakhulu kule akhawunti nobabini niza kuba netyala leakhawunti etsalwe ngaphezulu. Ayithethi nto ukuba ngubani oyisebenzisa kakhulu okanye ngubani obhatala amatyala, konke okuhle nokubi kubotshwa ngebhanti elinye kule akhawunti kwaye iza kuvela kwingxelo yakho yamatyala.

Nakuba abanye beyibona le akhawunti njengokuzinikela okungemnandanga, egameni lokuba wonelisekile ukuba iqabane lakho liza kukwazi ukuba uchitha malini, iakhawunti edityanisiweyo isengaba yindlela ebhetele yokuphatha imali.

[Sicatshulwe *kwiBona Magazine*, April 2014; iphepha 82, sahlelwa.]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

[Sicatshulwe *kwiBONA MAGAZINE*; April 2014; iphepha 119]

3.1 Kuthengiswa ntoni kwesi sibhengezo? (1)

3.2 Sijoliswe koobani esi sibhengezo? (1)

3.3 Xela injongo yokubekwa komfanekiso kwesi sibhengezo. (1)

3.4 Kutheni amagama 'IZITYU EZIGQIBELELEYO' ebhalwe ngefonti enkulu. (2)

3.5 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Ngebinzana elibhalwe ngqindilili umthengisi usebenzise

A Ulwimi olucengayo.
B Ulwimi olunyanzelayo.
C Ulwimi olurheshayo.
D Ulwimi oluqhathayo. (1)

3.6 Ucinga ukuba zintoni ezona zinto zinokukhuthaza abathengi kwesi sibhengezo-ntengiso? Xela zibe MBINI. (2)

3.7 Ucinga ukuba esi sityu siboniswe apha abantu bangasonwabela ngaliphi ixesha lonyaka? Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

UMBUZO 4

OKUBONWAYO: IKHATHUNI

Funda le khathuni ilandelayo uze uphendule imibuzo engezantsi.



4.1 Chaza okuqhubeka kwifreyimu yoku-1. (2)

4.2 Inkangeleko yobuso bukaMedem kwifreyimu yesi-2 ibonisa ukuba uvakalelwa njani? (1)

4.3 Intetho kaAnti nolwimi lomzimba wakhe kwifreyimu yesi-2 zibonisa ukuba ungumntu onjani? (2)

4.4 Bhala ngamagama uR10. (1)

4.5 Uphawu lombuzo nolokhuzo kwifreyimu yesi-3 zisetyenziselwe ntoni? (1)

4.6 Igama u'Medem' libolekwe koluphi ulwimi? (1)

4.7 Ucinga ukuba impendulo kaAnti kwifreyimu yesi-4 imenze waziva njani uMedem. Xhasa impendulo yakho. (2)
[10]

UMBUZO 5

ITEKISI

5.1 Funda lo mhlathana ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

UMaThiyane njengoomakhulu bonke ubekuthanda ukwenz**ela** abantwana iintsomi. Bahleke balale, bengazi ukuba ngorhatya olulandelayo kuza kukhethwa omnye wabo ukuba enze intsomi yayizolo; kanye njengoko ebenzile; kwakufikwa kumculo acule. Umnqa kukuba xa bebhuda abazukulwana bakhe ubekhe abaxolele kodwa mayibe nguBuyelekhaya ilizwe lifile. Uza kumtsweba alale ethe shu. Le mpatho yamenza wandweba wazigcina kanobom iintsomi, wade ngokuya ekhula wakwazi nokufakelela ezakhe izafobe ezonwabisayo. Bekukhe kubekho neentsomi ekucaca ukuba umakhulu uzikhe aph'entloko; futhi zigudl'indlu, kuba zikwekwa okwenzeke loo mini nomenzi wako. Ibibukhali ingqondo kaBuyelekhaya ekuqiqeni ngaphezulu kwabanye abazukulwana. Le nto imfundise **eselusana** ukuba intsomi ngaphezu kokuhlekisa nokuqheqhesha ingqondo ukuba ikhumbule iziganeko; inento esitheleyo eyifundisayo.

[Ucatshulwe kwiNoveli;*Ukuvuka kukaZanemvula*: T.M. Jordan; iphepha 45 yahlelwa]

5.1.1 Kwesi sivakalisi tshintsha isibizo esikrwelelwe umgca sibe sisimelabizo.
UMaThiyane njengoomakhulu bonke ubekuthanda ukwenzela abantwana iintsomi. (1)

5.1.2 Xela ukuba isimamva sesenzi esibhalwe ngqindilili sisetyenziselwe ntoni. (1)

5.1.3 Safobe sini esi; 'bahleke balale'. (1)

5.1.4 Kumqolo wesibini khetha isihlomelo uchaze nodidi lwaso. (2)

5.1.5 Isibizo 'umnqa' sakhiwe kwesiphi isigaba sentetho? (1)

5.1.6 Isimamva sesibizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi sibonisa ntoni? (1)

5.1.7 Igama u'mpatho' kutheni likula meko nje? (1)

5.1.8 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kwisininzi.
Le mpatho yamenza wandweba wazigcina kanobom iintsomi. (2)

5.1.9 Matanisa ibinzana nentsingiselo kwezi kholam zilandelayo. (2)

KHOLAM A		KHOLAM B	
Ibinzana		**Intsingiselo**	
5.1.9.1	Ilizwe lifile	A	Into ongayenzanga.
5.1.9.2	Ibibukhali ingqondo	B	Akuzuxolwa kuyaliwa.
		C	Ukuba krelekrele.
		D	Ukukhetha abantwana.

5.1.10 Khangela ubhale isithethantonye seli gama libhalwe ngqindilili '**eselusana**' kwakulo mhlathana. (1)

5.1.11 Kumqolo wokugqibela kukho igama elingapelwanga kakuhle libhale ulipele ngendlela efanelekileyo. (1)

5.2 Jonga lo mfanekiso ulandelayo uze uphendule imibuzo.



[Icatshulwe kwi*BONA MAGAZINE*; APRIL 2014; iphepha 69]

5.2.1 Kwesi sivakalisi xela ukuba igama nesakhi ezikrwelelwe umgca zisebenze njani na.
Ulutsha oluneminyaka eli-18 luvuyela ukuvota okokuqala. (2)

5.2.2 Bhala esi sivakalisi sibe kwimo elandulayo.

Ulutsha luphakamisele izandla phezulu. (1)

5.2.3 Guqulela esi sivakalisi kwixesha elizayo.

Umlisela nomthinjana wabhiyozela ukuvota okokuqala ngo-2014. (1)

5.2.4 Esi sivakalisi sikwingxelo-ntetho siguqule ke wena sibe kwintetho-ngqo.
Ulutsha luthi lukhuthaza bonke abantu ukuba bavote. (2)
[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80